Department of Cultural Affairs and Sport
Departement van Kultuursake en Sport
Isebe Lemicimbi yeNkcubeko NeMidlalo

UKHWELO LOKUFAKWA KWEZICELO

IMibutho yeNkcubeko yaseNtshona Koloni ingafaka izicelo zenkxaso-mali ngokwezi ndidi:

1. IMibutho ebandakanyeka ekuqeqesheni eminye imibutho
2. Iiprojekthi ezikhuthaza udidi oluthile lwenkcubeko
3. Amaqela abandakanyeka kuphuhliso lwemibutho

INKQUBO YOKHETHO

IPROJEKTHI

● Mayingqamane nezobugcisa nenkcubeko ● Imisitho ibenegalelo kuphuhliso lwezoqoqosho, kuvulo lwamathuba emisebenzi nasekulweni indlala ● Igxile kuphuhliso lolutsha ● Ikhokhelise iimfuno zokulingana ngokwesini, zabaneziphako zomzimba nokwahluka-hlukana kweenkcubeko ● Zicacise gca ngokuphathelele kuqeqesho nophuhliso lobugcisa ● Zibe kanti zisebenza phantsi kwezi ndidi: uMdaniso/uMxhentso, uMdlalo weQonga, uMculo, izinto eziQingqiweyo, ukuFundwa kwezobuGcisa, ukuXongxa neThiyetha ● Imiphumela yeprojekthi ibekwe ngokuthe gca ● Icacise abo ijoliswe kubo (umz. ulutsha) ● Icacise ngemigqaliselo yokubek' esweni nokuvavanya impumelelo yeprojekthi leyo.

NGOKOMBUTHO

● Kufuneka umbutho ubenomgaqo-siseko ● Ubenebhanki yawo engegama lombutho lowo ● Izindululo kufuneka zicacise ngenkqubo yawo esebenza ngokukuko yokuphathwa kwemali (umphicothi ncwadi obhalisiweyo/ umphicothi mali/ umgcini ncwadi).

KUZAWUBANJWA IINDIBANO ZENGCACISO UKUNCEDISA ABO BAFUNA UKUFAKA IZICELO MALUNGA NOKUYILWA KWEZICWANGCISO ZOKUSEBENZA KWEZI NDAWO ZILANDELAYO.

INGINGQI	INDAWO NEDILESI	UMHLA	IXESHA
EKapa	I-Ofisi enguNdlu-nkulu – IsaKhiwo iProtea Assurance, eGreenmarket Square, eKapa	17 Meyi 2008	10h00
EVredenburg	IHolo iSkilpad, iBala leMidlalo laseVredenburg	20 Meyi 2008	18h30
EBeaufort West	IZiko iBeaufort West Thusong, 3 De Vries Str.	20 Meyi 2008	18h00
EHawston	IZiko iHawston Thosong, Kerk Str.	22 Meyi 2008	18h00
ERiversdale	Riversdale Multi Purpose Centre, Van Der Berg Str.	15 Meyi 2008	19h00
EKynsna	IThala leeNcwadi laseKnysna, kuHola weNdlela	14 Meyi 2008	18h00
ERobertson	IHolo yoLuntu, Hospital Str.	13 Meyi 2008	18h00

UKUBHALISELA EZI NDIBANO NEMINYE IMIBUZO QHAKAMSHELANA NONKOSK S Abrahams kwa (021) 483-9665 okanye ifeksi (021) 483-9711 okanye nge-imeyile Saabrahams@pgwc.gov.za ngamaxesha omsebenzi.

Ukufakwa kwezicelo akuqinisekisi kufunyanwa koncedo mali kwaye nguMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko, iMidlalo noloNwabo oyakuthatha isigqibo.

UMHLA WOKUPHELELWA KOKUFAKWA KWEZICELO: 30 Meyi 2008 NGENTSIMBI YE- 12:00
IIFOM ZEZICELO ZIFUMANEKA NGAZO ZONKE IILWIMI EZINTATHU EZISEMTHETHWENI
IZICELO EZIFIKE EMVA KWEXESHA OKANYE EZIFEKSIWEYO AZAMKELEKANGA

Izicelo mazithunyelwe kwiSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo, Private Bag X 9067, ekapa 8000 okanye ngesandla kwiCANDELO LOBUGCISA NENKCUBEKO, kwiSakhiwo iProtea Assurance, eGreenmarket Square, eKapa 8001.
(Ibhokisi yokuqokelela izicelo izakubekwa kumgangatho osezantsi)